



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2019

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.
2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apha le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.
3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.
4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpPENDULO. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.
5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apha ayalelwé ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.
6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.
7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 EStanger.√ (1)
- 1.1.2 Umphefumlo wakhe wawundondotheka.√ (1)
- 1.1.3 (a) Ngowendlebe√/ngowokuva.√ (1)
- (b) Ukuba babothukile kakhulu/babesoyikisela ubomi babo/ iintlungu ababeziva zokubetheka emotweni.√√ (2)
- 1.1.4 Kwavuleka ucango lwemoto kwathi kuba babengawafakanga amabhanti okhuselo yabatyekesa imoto phambi kokuba itshe.√√ (2)
- 1.1.5 Wayemana efikelwa yimibono yomlilo eyayimenza oyike aphakuzele de abengathi ushiywa ziingqondo√√/wayesithi xa ebona umlilo nokuba kusemfanekisweni oyike aphakuzele.√√ (2)
- 1.1.6 Guye owaxeleta uNomakhwezi iindaba zokuba uLungile uthandana noMebhelina, loo nto yamphazamisa kakhulu engqondweni yenza ukuba aqhube engayimiliselanga ingqondo ekuqhubeni.√√ (2)
- 1.1.7 (a) UNomakhwezi watyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.√
- (d) UMPumelelo wandisa isibhedlele eLusikisiki.√ (2)
- 1.1.8 Kulikhulise ngokubangela ukuba uNozililo acinge ukuba uyaya kwimpumelelo yokufumana ivenkile yakwaNtsibande√ kwaza oko kwenza ukuba aqhubeke ngamayelenqe eqinisekile ukuba uza kuphumelela.√√ (3)
- 1.1.9 Ngumntu ongaphandle ebalini√ kuba okwenzeka ebalini ikakhulu kubaliswa kusetyenziswa umntu wesithathu njengoko umbhali inguye oqhuba ibali lilonke√/Ngumntu ongaphakathi√ kuba uYolisa ongomnye wabalinganiswa uyabalisa ukusukela kwiphepha le-21 ukuya kwelama-82 kwakule ncwadi.√ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Kungokuba wayefuna kubekho umntu oza kuncedisana noNomakhwezi kwinkqubo yevenkile.√√ (2)
- (a) Xa athi unqwenela ukuba bahlalisane ngoxolo kwaNtsibande.√ (1)
- (b) Luzobo olumayana kuba ukuthanda kwakhe uxolo sikuva xa ethetha evakalisa umnqweno wakhe kungadanga kwachazwa ngqo.√√ (2)
- 1.2.3 NguThembisa.√ (1)
- 1.2.4 (a) YeyaseLusikisiki.√ (1)
- (b) Imniike ithuba lokuba abalasele ekunyangeni isifo ebelsingaziwa√√/uphucule amaziko ezeMpilo, aziwe njengogqirha ophume izandla.√√ [Nayiphi kwezi.] (2)
- 1.2.5 (a) (iii) √/(iii) Sisihobe√/sisihobe.√
(b) (iv) √/(iv) Libali elifutshane√/libali elifutshane.√
(c) (i) √/(i) Yidrama√/yidrama.√ (3)
- 1.2.6 Abakwaziyo ukubangabazali ngokupheleleyo kubantwana babanye abantu√√/abanyanisekileyo abayinqandayo into engalunganga√√/elabantu abakwaziyo ukunceda bengajonganga nzuzo.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.2.7 Siyakholeleka kuba ebomini bakhona abantu abathi xa bejunge empumelelweni bangazivumeli izinto eziyimiqobo endleleni yabo ukuba zibathintele.√√

OKANYE

Asikholeleki kuba usoloko eyinto enye akanazimpazamo, akukho nanto akhe abonakalise ukuyilwa kwezi zimehlelayo, avakale enomsindo okanye ekhathazekile.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo.√ (1)
[35]

UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

ISICATSHULWA C

- 2.1 2.1.1 ERio Cinema.√ (1)
- 2.1.2 Imeko kaEddie noLulama icaciswa ngala mazwi, 'bafunyenwe besongene beyintlama.'√ (1)
- 2.1.3 (a) Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)
- (b) Ukungena ngaphakathi kwembumbulu ihlale kwintloko kaEddie.√√ (2)
- 2.1.4 Waya esirhoxweni kwaMamKhey wasela utywala wanxila akazazi negama lakhe.√√ (2)
- 2.1.5 Abamthandayo babemthethelela kanti iintshaba zakhe zona zazimvuyelela.√√ (2)
- 2.1.6 Nguye oxelele uHlobo udaba lweendwendwe zaseMoonglow ezafika zabuka imoto zizodwa ngaloo mini yokufunyanwa kwevolovolo.√√ (2)
- 2.1.7 (a) UThembisa Ntlokonkulu wahambela kwisikhululo samapolisa.√ (2)
- (d) UHlobo waya e*Femina House* ukuya kubuza malunga *nemink coat*.√ (2)
- 2.1.8 Kulikhulise ngokubangela ukuba uHlobo aqalise uphando√ kwaza oko kwakhokelela ekubanjweni kukaLinda Monti othe kanti akanguye oyena mbulali kaEddie noLulama.√√ (3)
- 2.1.9 Ngumntu ongaphandle ebalini√ kuba okwenzeka ebalini kudluliswa kusetyenziswa umntu wesithathu√/kuba wazi konke okwenzeka ebalini, iingcinga neemvakalelo zabalinganiswa.√ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA D

- 2.2 2.2.1 Kungokuba bonke ubungqina ekwakusetyenzwa ngabo ngeliya xesha babusalatha ukuba nguye umbulali.√√ (2)
- 2.2.2 (a) Xa athi uLinda ufanelwe luvelwano ngenxa yempilo ebuthathaka kuba eswelekelwe sisithandwa sakhe.√ (1)
- (b) Luzobo olumayana kuba ubuchule bakhe bokukujja ingqondo sibuva xa ekhokelisa ubuthathaka bempilo kaLinda kuba efuna uMantyi amniike ibheyile.√√ (2)
- 2.2.3 NguKhumalo.√ (1)
- 2.2.4 (a) Ebusuku√/ngexesha lokuphela komboniso bhanyabhanya.√ (1)
- (b) Ngokuthi bubenzele lula ukuba ifihlakale imizila yabo kuba kungelula ukuba babonwe ngabantu.√√ (2)
- 2.2.5 (a) (iii) √/(iii) Sisihobe√/sisihobe.√
- (b) (iv) √/(iv) Libali elifutshane√/libali elifutshane.√
- (c) (i) √/(i) Yidrama√/yidrama.√ (3)
- 2.2.6 Abayimelayo inyaniso√√/abaneenjongo zokwakha isizwe.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.7 Siyakholeleka kuba umntu onyolukileyo wenza nantoni na ukuze azuze loo nto ayifunayo.√√

OKANYE

Asikholeleki kuba oko enecala elinye lokungcola√√ uye wagabadela ngezenzo zokungcola wada wanesibindi sokuzenza umakazi kaEddie etshonisa etyaleni umntu obathembileyo.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 2.2.8 Yinoveli yophando.√ (1)
[35]

UMBUZO 3: UMONWABISI – ZA Japhta

ISICATSHULWA E

- 3.1 3.1.1 ESt John's College.✓ (1)
- 3.1.2 URhadebe waxhela inkabi yegushav/baya kumthengela iimpahla zokuya esinaleni eThekwini/bamthumela kwisikolo esinewonga.✓ (1)
- 3.1.3 (a) Ngoweliso/ngowokubona.✓ (1)
- (b) Ukuba babehamba ngezantya ngenxa yemincili belungiselela intombi yabo//bayibalekisa ngamendu aphezulu.✓✓ (2)
- 3.1.4 Babesela utywala betshaya bethanda ulonwabo ngaphezu kwesikolo//baye bangabinasimilo nantlonipho.✓✓ (2)
- 3.1.5 Wabanengxaki wangakwazi ukuphinda ajongane nabafazi awayebafundisa indlela yokuqequesha abantwana//wajika akanyaniseka emyenini wakhe, abafihle abantwana xa bathe abaphumelela esikolweni nangexesha awayexakwe kukunxila kwabo//wabaneentloni ezajika zabalikratshi elibi// wabaphakamela abafazi baselalini ebeqhele ukusebenza nabo wajika wababona ukuba bangabantu abaphantsi kunaye yiyo le nto bemmonela.✓✓ (2)
- 3.1.6 Wavuma ukuba uMonwabisi anikwe igunya lokuvusa nokulawula amashishini kaThandabantu//wayesoloko ekuvuyela ukubakho kukaMonwabisi ngenxa yoncedo lwakhe kuThandabantu// wambona efanelwe kukuba angangunyana anikwe amalungelo ekhaya, zihlonitshwe izimvo zakhe.✓✓ (2)
- 3.1.7 (a) UGcinumzi wafumana ingozi yebhasi wabhubha.✓
- (d) UMonwabisi wamkela uxanduva lokongamela amashishini kaThandabantu.✓ **Mawungamakishwa lo mbuzo** (2)
- 3.1.8 Kulikhulise ngokuthi ukutyholwa kukaThandabantu ngabahlali ngokubulala unyana wakhe/ngokuba uthwele, kwenze ukuba babe nobutshaba naye✓ kwaza oko kwakhokelela ekutshoneni kwamashishini akhe aphela evuswa nguMonwabisi. ✓✓ **Mawungamakishwa lo mbuzo** (3)
- 3.1.9 Ngumntu ongaphandle✓ kuba okwenzeka ebalini kudluliswa kusetyenziswa umntu wesithathu✓/kuba wazi konke okwenzeka ebalini, iingcinga neemvakalelo zabalinganiswa.✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA F

- | | | |
|-----|-------|--|
| 3.2 | 3.2.1 | Kungokuba wayewelete phesheya ehambele umbutho woosomashishini awayengusihlalo wawo\ebeye eholideyini nomfazi wakhe\ebesesibhedlele egula.\n\n(2) |
| | 3.2.2 | (a) Xa kusithiwa wazimisela ukuba uza kuzama ukumbonisa impazamo yakhe unkosikazi wakhe ngolunye uhlobo.\n\n(1) |
| | | (b) Luzobo mayana kuba utsyhilwa sisenzzo sakhe sokungambeki tyala uMamTolo ngokonakala kwezimilo zabantwana koko ambonise kakuhle unkosikazi wakhe iimpazamo zakhe.\n\n(2) |
| | 3.2.3 | NguMaRhadebe.\n\n(1) |
| | 3.2.4 | (a) ENtshiqo\elalini yakuTsolo.\n\n(1) |
| | | (b) Ngokuba akwazi ukwenzela abantu ububele abanike noncedo abaludingayo ukuze kuqaqambe ubuntu kuye.\n\n(2) |
| | 3.2.5 | (a) (iii) \/(iii) Sisihobe\sisihobe.\n\n(b) (iv) \/(iv) Libali elifutshane\libali elifutshane.\n\n(c) (i) \/(i) Yidrama\yidrama.\n\n(3) |
| | 3.2.6 | Elabantu abazama ngandlela zonke ukuphumelela bangatyhafiswa ziimeko abakhule phantsi kwazo\elabantu abanyanisekileyo nabanombulelo kubantu ababancedileyo ebomini\elabantu abanenkathalo ngabanye abantu.\n\n[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2) |
| | 3.2.7 | Siyakholeleka kuba bakhona abantu abanjengaye abanobuntu obuggithisileyo.\n\n |

OKANYE

Asikholeleki kuba umntu organesimo esinje ngesakhe engusomashishini angangabinampumelelo kuba ininzi inkcitho ayenzayo ngabantu. \\ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

- 3.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo.✓ (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

ISICATSHULWA G

- 4.1 4.1.1 Yeyokunxila✓/kukuthuma umntwana wesikolo utywala ngexesha lesikolo.✓ (1)
- 4.1.2 Xa uNonceba ekhuza esithi iyawa nguMawonga✓/xa uZingiwe esithi kudala emxelela ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa ubukumkani beempukane.✓ (1)
- 4.1.3 (a) Ngoweliso✓/ngowokubona.✓ (1)
- (b) Ukyekelwa kukaNdila nguMaziko xa uMawonga emcinezela emphelelisa ngomsebenzi.✓✓ (2)
- 4.1.4 Uye kuMadala wayokumnyoba ukuze amthethelele kwikomiti yesikolo angagxothwa.✓✓ (2)
- 4.1.5 UNdila umbone njengotshaba lwakhe uMawonga de wazama amacebo okumtshabalalisa ngeliziphindezelayo.✓✓ (2)
- 4.1.6 Kungokuba nguye oxelele uMawonga ngesimo sikaNdila sokusela utywala esikolweni nokuba uthuma umntwana utywala ngexesha lesikolo.✓✓ (2)
- 4.1.7 (a) UZanele uhlangana noMawonga ethekweni bathandane.✓
- (d) UMaziko uya kwaMadala eye kuthetha ngoLoni ochitha isikolo.✓ (2)
- 4.1.8 Kulikhulise ngokuthi uNdila athathe isigqibo sokuziphindezela kuMawonga ngokumfaka kumgibe wotywala encediswa nguFuneka✓, kwaze oko kwakhokelela kwenye impindezelo kaMawonga kubo ngokubanameka isityholo sokumbulala.✓✓ (3)
- 4.1.9 Ngumntu ongaphandle✓ kuba okwenzeka ebalini okudluliswa kwizalathisi zeqonga kusetyenziswa umntu wesithathu✓/ kuba wazi konke okwenzeka ebalini, iingcinga neemvakalelo zabalinganiswa.✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA H

- 4.2 4.2.1 Kukuba kude kwasa ehleli epatini kwaFuneka ngephezolo.√√ (2)
- 4.2.2 (a) Xa uThandiwe esithi uMawonga wayekade engaseli ngohlobo asela ngalo.√ (1)
- (b) Luzobo ngqo kuba uThandiwe ukuchaza ngqo ukutshintsha kukaMawonga asikufuniseli.√√ (2)
- 4.2.3 NguJerry.√ (1)
- 4.2.4 (a) Kusendlwini kaFuneka.√ (1)
- (b) Ngokuthi kuyilelwwe kuyo impindezelo kaNdila kuMawonga√√/ ngokuthi kuba uZanele ehlala kule ndlu uMawonga aquqe kuyo kutsho kube lula ukuzalisekisa impindezelo√√/kuye kwalula kuLoni ukungena epokothweni xa uZanele ecela imali ukuze abe uyaphalala uMawonga.√√ (2)
- 4.2.5 (a) (iii)√/(iii) Sisihobe√/sisihobe.√
- (b) (iv)√/(iv) Libali elifutshane√/libali elifutshane.√
- (c) (i)√/(i) Yidrama√/yidrama.√ (3)
- 4.2.6 Elabantu abaphila ngokwenzela abanye amayelenqe√√/elabantu abathanda izikhundla abaxolele nantoni na ukuze bazifumane.√√ [Nayiphi kwezi.] (2)
- 4.2.7 Siyakholeleka kuba wayenokuba uzithoba isidima ngokuhamba enkqanga esilwela indoda ezikhethelyo ukwenza oko ikwenzayo.√√

OKANYE

Asikholeleki kuba wayenganyamezelanga ukuthandana kukaZanele noMawonga kuphela, wayenyamezele ukunganikwa mali nokubethwa.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 4.2.8 Yidrama eyintlekele.√ (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M Mlokothi

ISICATSHULWA I

- 5.1 5.1.1 Uthathwe nguNoyongo kowabo emqhatha ngelithi umfunele umsebenzi✓/uze 'kuphangela' kwaNyoka✓/uze kudibana nomqeshi wakhe.✓ (1)
- 5.1.2 Xa aza kuhamba uNyoka uthi kuNoyongo, 'mandikubone sisi phambi kokuba ndihambe'✓/uNyoka uqobozela uNoyongo iliso ngethuba engena noDina egumbini✓/baphuma bemshiya yedwa uDina egumbini leendwendwe.✓ (1)
- 5.1.3 (a) Ngoweliso✓/ngowokubona✓/ngowesikhumba✓/ngowokuphatha.✓ (1)
- (b) Uchulumanco lokuba efunyanelwe intombazana
 enjengoDina✓✓/kuvuyela ukuba efumene intombazana eza
 kumngenisela imali.✓✓ (2)
- 5.1.4 Ubaxhaphaza ngokubenza izicaka zesondo✓✓/ubanyanzela ukuba basebenzise iziyobisi✓✓/ubenza ukuba bathengise ngemizimba✓✓/uthetha ngqwabalala nabo angabahloniphi kwaye ubahlawula imali encinci.✓✓ [Nayiphi kwezi.] (2)
- 5.1.5 Wenze ukuba uDina aloleke abenemincili engenasiphelo ukuze amsebenzise engekho kwimeko yokuhluza phakathi kokungalunganga nokulungileyo.✓✓ (2)
- 5.1.6 Kungokuba waba lelinye lamangqina abangela ukuba uThambolenyoka abanjwe agwetywe.✓✓ (2)
- 5.1.7 (a) UDina wagoduka wayakucela uxolo kubazali bakhe.✓
 (d) Amapolisa ambamba uNyoka amvalela.✓ (2)
- 5.1.8 Kulikhulise ngokuthi uDina athathe isigqibo sokuziphindezela kuNyoka, encediswa nguGxalaba ukumthiyisela✓ kwaza oko kwakhokelela ekubanjweni kukaNyoka, agwetywe avalelwwe entolongweni.✓✓ (3)
- 5.1.9 Ngumntu ongaphandle✓ kuba okwenzeka ebalini kudluliswa kusetyenziswa umntu wesithathu✓/kuba wazi konke okwenzeka ebalini, iingcinga neemvakalelo zabalinganiswa.✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA J

- | | | | |
|-------|-------|---|-----|
| 5.2 | 5.2.1 | Kungokuba ukholelwa ukuba sisidumbu sikaNomhase esi asibone sigqunywe ngamapolisa ngentseni✓✓/wothuswe kukuva kusithiwa uNomhase ubulewe.✓✓ | (2) |
| | (a) | Simva xa angxolisa uNoyongo ngokungena kwakhe edubuleka.✓ | (1) |
| | (b) | Luzobo mayana kuba utyhilwa yintetho yakhe engqwabalala xa aphoxa uNoyongo ngokungena edubuleka, ade athi uthetha into angayivayo.✓✓ | (2) |
| 5.2.2 | | NguNcaphayi.✓ | (1) |
| 5.2.3 | (a) | Basehotele kaThambolenyoka✓/baseofisini kaThambolenyoka✓/bakwaThambolenyoka.✓ | (1) |
| | (b) | Ngokuthi kule ndawo kuqhutywe ishishini lokuthengisa ngemizimba ze abeyintshatsheli ekuqokeleleni amantombazana ukuze afumane imali.✓✓ | (2) |
| 5.2.4 | (a) | (iii)✓/(iii) Sisihobe✓/sisihobe.✓ | |
| | (b) | (iv)✓/(iv) Libali elifutshane✓/libali elifutshane.✓ | |
| | (c) | (i) ✓/(i) Yidrama✓/yidrama.✓ | (3) |
| 5.2.5 | | Elabantu abanyolukele imali ngokokude bangabinantloniphongakubantu ababinqileyo✓✓/elabantu abaxhaphaza abantu ababinqileyo nabaziimveku.✓✓
[Nayiphi kwezi.] | (2) |
| 5.2.6 | | Siyakholeleka kuba isenzo sokulwela ubulungisa asinanto yakwenza neminyaka yomntu okanye isini sakhe✓✓/uDina liqhawe elisenokubakho ebomini✓✓/ukwazile ukutshintsha wafunda kwimpazamo zakhe.✓✓ | |

OKANYE

Asikholeleki kuba ebesele exhatshaziwe nguThambolenyoka ngoko ke bekusenokuba nzima ukuba aphume kweli qela likaNyoka\\ubesenokoyika ukuziphindezela ngenxa yokungcola kukaNyoka.\\
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

- 5.2.7 Yidrama eyintlekele/\eyintlekele-siyolisi.\ (1)
[35]

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

6.1 ISICATSHULWA K: 'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu

- 6.1.1 Edolophini.✓ (1)
- 6.1.2 Ubukho bakhe ekhayeni bebufana nokungabikho kwakhe✓/akukho nto ebeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini, edolophini nakwisiq sakhe✓ebesimka ekhaya ixesha elide angaziwa apho akhoyo.✓ (1)
- 6.1.3 (a) Ngoweliso✓/ngowokubona.✓ (1)
- (b) Owomntu ohamba engangxamelanga ndawo.✓✓ (2)
- 6.1.4 Wahlaselwa ngabahlali ngenxa yobusela.✓✓ (2)
- 6.1.5 Wayezigweba ezibona eyinto engento engenakubasakwazi nokulibuyisa ixesha adlale ngalo.✓✓ (2)
- 6.1.6 Kungokuba wayesithi ulixhego elingasafanelwanga sisikolo✓✓/ wayesithi makafune izingxungxo elalini.✓✓ (2)
- 6.1.7 (a) UFanabekho wabuyela kokwabo emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe walahlekayo.✓
- (d) UMaKheswa waya kumthandazeli kuQumbu ngomba wonyana wakhe owalahlekayo.✓ (2)
- 6.1.8 Silikhulise ngokuthi athi sele ebuyele abonakalise ukungabikho ntweni✓ kwaza oko kwakhokelela ekuncanyweni kwakhe ngunina bacaca ubukhikhizela bakhe.✓✓ (3)
- 6.1.9 Ngumntu ongaphandle✓ kuba okwenzeka ebalini kudluliswa kusetyenziswa umntu wesithathu✓/ kuba wazi konke okwenzeka ebalini, iingcinga neemvakalelo zabalinganiswa.✓ (2)

KUNYE

6.2 ISICATSHULWA L: 'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu

- 6.2.1 Kungokuba akukho nto ibalulekileyo wayesaziwa ngayo^{✓/✓}
wayengenamisebenzi ayenzileyo eluntwini awayenokukhunjulwa
ngayo.^{✓/✓} (2)
- 6.2.2 (a) Kwimbali yobomi bakhe kuthiwa zange wenzela mntu nto.[✓] (1)
(b) Luzobo ngqo kuba ukungenzeli nto mntu kwakhe kuthethwa
ngqo asikufuniseli.^{✓/✓} (2)
- 6.2.3 NguNdawana.[✓] (1)
- 6.2.4 (a) Kungcwatywa uManduleli^{✓/yinkonzo yomngcwabo}
kaManduleli.[✓] (1)
(b) Ngokuthi kutyhile ukuba ebengumntu onyolukileyo nothanda
utywala.^{✓/✓} (2)
- 6.2.5 (a) (iii)^{✓/(iii) Sisihobe^{✓/sisihobe.}}
- (b) (iv)^{✓/(iv) Libali elifutshane^{✓/libali elifutshane.}}
- (c) (i)^{✓/(i)Yidrama^{✓/yidrama.}}
- (3)
- 6.2.6 Elabantu abangazimiselanga ntweni ebomini^{✓/elabantu}
abazixabisanga nabangaxabisanga mntu.[✓]
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 6.2.7 Siyakholeleka kuba bakhona abantu abangenagalelo ntweni
ekuphileni kwabo.^{✓/✓}

OKANYE

Asikholeleki kuba nokuba umntu akukho yakhe ubanalo icala
elikhethekayo nokuba lincinane.^{✓/✓}

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 6.2.8 Libali elingemiba yentlalo.[✓] (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye*

7.1 'UMNQAYI – S Maputi

- 7.1.1 Awubethi^v/awulaliswa^v/awuqoqwa.^v
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 7.1.2 Ukuqaqambisa ubunyulu bale ntonga ingumnqayi njengentonga ekhethekileyo engafani nezinye iintonga ngemisebenzi yayo^v/^v/ugxininisa ukubaluleka komnqayi.^v/^v (2)
- 7.1.3 (a) ... abab.^v (1)
(b) Kukudala undindwano/isinqisho sombongo.^v (1)
- 7.1.4 Isithozela^v/ukuhlonipheka^v (1)
- 7.1.5 Umnqayi ubalulekile kubomi bamakrwala kuba athweswa ngawo ukwangumqondiso wobudoda, ukuxabiseka nokuhlonipheka kwawo xa engena ebudodenitsho afaneleke kwangawo.^v/^v (2)
- 7.1.6 Isitanza sesi-4 sinemiqolo emi-6 kanti esesi-5 sinemiqolo emi-4.^v/^v (2)
- 7.1.7 Yonwabile^v kuba isebezisa isigama esincomayo esinjengo "usikelelekile" 'uthamsanqalekile' 'undilisekile'.^v (2)
- 7.1.8 Ngumbongo-nkcazo^v kuba uchaza iimpawu nemisebenzi yomnqayi.^v (2)
- 7.1.9 Luyitshintshile kuba umnqayi bendingawazi ukuba yinduku enqabileyo nebalulekileyo kwaXhosa.^v/^v (2)

OKANYE

Aluyitshintshanga koko lubethelele iziseko zokubaluleka komnqayi kubomi bomXhosa.^v/^v/^v
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

7.2 **'MFAZINDINI WASE- AFRIKA' – T Yawa**

- 7.2.1 Kubo bonke abantu.√ (1)
- 7.2.2 ... eyothusayo.√ (1)
- 7.2.3 Ngumbuzo-buciko. (1)
- 7.2.4 (a) Yithoni ecengayo.√ (1)
(b) Kufanelekile kuba lo mfazi usebenza ngokugqithisileyo ude angaqondwa nokuba ungumntu ngokwenene na.√√ (2)
- 7.2.5 Kwezo ngqeleteziqatseleyo.√√ (2)
- 7.2.6 (a) Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)
(b) Indlela asebenza nzima ngayo umntu ongumfazi omnyama.√√ (2)
- 7.2.7 Yimfano-zandi.√ (1)
- 7.2.8 (a) (iii)√/(iii) Sisihobe√/sisihobe.√
(b) (iv)√/(iv) Libali elifutshane√/libali elifutshane.√
(c) (i)√/(i) Yidrama√/yidrama.√ (3)
- 7.2.9 Ungesakhono abanaso abafazi sokukwazi ukuthwala uxanduva lokwenza zonke iindidi zemisebenzi ngempumelelo.√√ (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70